



## Support beginner readers!

Between the ages of six and nine, most children learn to read for themselves. So, what can you do to help them develop as readers? Well, the most important thing you can do is to keep reading to them! Here are some ideas for doing that.

## Baxhase abafundi abasaqalayo!

Phakathi kobudala beminyaka emithandathu nelithoba, abantwana abaninzi baziqhelanisa nokuzifundela ngokwabo. Ngoko ke, ungenza ntoni enokubancedisa ukuba baphuhle njengabafundi? Kaloku eyona nto ibalulekileyo onokuyenza kukuqhuba ngokubafundela! Nazi ezinye iimbono zokwenza oko.

### WHICH BOOKS TO CHOOSE

1. Let your children select books that appeal to them. Children very often find an author, a type of story or a series they like, and this might inspire them to read more books.
2. As they start to read on their own, help your children choose books that are not too difficult so that they are able to have lots of successful reading experiences.
3. Keep more difficult books for you to read to your children.
4. Expose older children to longer books with chapters. Try to read a chapter or two each day.

### ZEZIPHI IINCWADI EZINOKUKHETHWA

1. Abantwana bakho mabakhethe iincwadi abazithandayo. Kaninzi abantwana bafumana umbhali, uhlobo lwebali okanye uthotho abaluthandayo lwamabali, kanti oku kunokubakhuthaza ukuba bafunde iincwadi ezithe kratya.
2. Njengokuba abantwana bakho beqalisa ukuzifundela bebedwa, bancedise bakhethe iincwadi ezingenakubanzima kakhulu kubo ukuze bakwazi ukufumana amava okuzifundela ayimpumelelo.
3. Zigcine iincwadi ezinzima ukuze ubafundele zona ngokwakho abantwana bakho.
4. Bonisa abantwana abadalana iincwadi ezinde, nezinezahluko. Zama ukufunda isahluko esinye okanye ezibini suku ngalunye.

### Talk about stories

- Help your children make connections between the things they are reading about, and real life. For example, if they are reading about school, link it to their own experience of school.
- Extend stories by asking your children to think about why characters behaved in certain ways, and what your children might have done if they were in the same situation.

### Thetha ngamabali

- Ncedisa abantwana bakho ukuba benze unxulumaniso phakathi kwezinto abafunda ngazo, kunye nobomi benene. Umzekelo, ukuba bafunda ngesikolo, oko makunxulunyaniswe namava abo ngesikolo.
- Yolula amabali ngokubuza abantwana bakho ukuba kutheni abalinganiswa bebeziphethe ngeendlela ezithile, nokuthi bona abantwana bakho bebenokwenza ntoni ukuba bebekwimeko efana naleyo.



### More tips

- ♥ Sing songs, say tongue twisters (such as: red lorry, yellow lorry) and read rhymes together to get children used to the different sounds in words. This helps them master the skills they need for their own reading and writing.
- ♥ Create some opportunities for your children to read to you. For example, once a week take turns reading aloud to each other just before bedtime. Or, suggest that they try out their new skills by reading to younger siblings. This helps children to feel proud of what they can do.
- ♥ Don't let your children leave home without a book. Encourage them to read everywhere – even in the car or taxi!
- ♥ Read the stories your children ask for again and again, but also encourage them to read their favourite stories again themselves. This helps them to become more confident readers.
- ♥ Remember that the most important thing is to make reading a relaxed, meaningful and satisfying experience.



### Ezinye iingcebiso

- ♥ Culani iingoma, yitsho amagama adlalisa ulwimi (afana nala: ndiqhel' ukucheb' ixheg' inkqayi) nandule ukufunda iivesi zabantwana kunye ukuze abantwana baziqhele izandi ezahluka-hlukileyo emagameni. Oku kubanceda ngokufumana izakhono zobuchule ababudingayo ukwenzela ukuba bazifundele futhi bazibhalele.
- ♥ Dala amathuba athile okuba abantwana bakho bakufundele. Umzekelo, kanye ngeveki nikanani amathuba okufundelana ngokuvakalayo nje phambi kokuya kulala. Okanye, bacebise ngokuba bazame ukuziqhelanisa nezakhono zobuchule zabo ngokufundela abantakwabo noodadewabo abancinane. Oku kunceda abantwana bazive beneqhayiya ngento abakwaziyo ukuyenza.
- ♥ Musa ukuvumela abantwana bakho bemke ekhaya bengaphethanga ncwadi. Bakhuthaze ukuba bafunde kuyo yonke indawo – nkqu nasezimotweni okanye eziteksini!
- ♥ Funda amabali abantwana bakho abathanda ukuwacela ngokuwaphinda-phinda, kodwa ubakhuthaze ukuba bazifundele amabali abo abawathandayo kwakhona. Oku kubanceda ngokuthi babe ngabafundi abazithemba ngakumbi.
- ♥ Khumbula ukuba eyona nto ibalulekileyo kukwenza ukuba ukufunda kube ngamava azolisayo, anentsingiselo nanelisayo.



Drive your  
imagination



IT STARTS WITH  
A STORY.  
KONKE KUQALA  
NGEBALI.



## Let's celebrate!

The month of May is filled with special opportunities for children to use reading and writing in meaningful and fun ways! Here are some ideas for the different celebrations this month. Rather than trying to do all of them, choose one or two that you think will most interest your children.



### Mother's Day (12 May)

Invite the mothers of the children at your reading club (or people who are like mothers to them) to join you at the reading club session which is closest to Mother's Day. Read or tell a story about a mother-child relationship to everyone and then invite the mothers and their children to spend time reading stories and looking at books together.

Instead of giving cards to their mothers, suggest that the children follow the steps below to create special Mother's Day messages for their moms!

1. Cut out the three rectangles on page 3 by cutting along the black dotted lines.
2. Fold each rectangle along the blue line.
3. Glue the two parts together.
4. Write a different message to your mom on the blank side of each rectangle. Then decorate both sides.
5. Find three different places in your home to put your messages so that your mom will find them! (It doesn't matter if you do this after Mother's Day, your mom will still love finding your messages!)


### International Day of Families (15 May) and Biographer's Day (16 May)

Explain that a biography is a book written by an author about someone else's life. Encourage the children to choose a member of their family to write a biography about. Before they start writing, suggest that they do some research by talking to people who know this person.




### Drawing Day (16 May)

Give your children some sheets of blank paper and challenge them to create a storybook by drawing pictures only! They will need to write the title of the story and their names on the front cover, but the rest of their book should be only the pictures they have drawn. Invite them to share their finished story with you!



### Usuku lokuZoba (ngowe-16 kuCanzibe)

Nika abantwana bakho amaphepha angabhalwanga ubathundeze ukuba bayile incwadi yamabali ngokuzoba imifanekiso kuphela! Kuya kufuneka ukuba babhale isihloko sebali kunye namagama abo kuqweqwe olungaphambili, ngaphandle kwawo incwadi yabo mayibe nemifanekiso abayizobileyo kuphela. Bameme ukuba bakubalisele amabali abo abawagqibileyo!



## Masibhiyoze!

Inyanga kaCanzibe izele ngamathuba ohlobo olulodwa okuba abantwana basebenzise ukufunda nokubhala ngeendlela ezinentsingiselo nezonzwabisa! Nazi ezinye izimvo ngemibhiyoze eyahluka-hlukileyo kule nyanga. Kunokuba uzame ukuyenza yonke, kubhetele ukhethe ube mnye okanye ibe mibini ocinga ukuba uya kutsala umdla wabantwana bakho.



### Usuku lukaMama (ngowe-12 kuCanzibe)

Mema oomama babantwana kwiklabhu yokufunda yakho (okanye abantu abadlala indima yoomama kubo) ukuba banijoyine ngethuba leklabhu yokufunda elilelona lisondele kuSuku lukaMama. Fundela okanye balisela wonke umntu ibali malunga nobudlelwane phakathi kukamama nomntwana wandule ukumema oomama nabantwana babo ukuba bachithe ixesha befunda amabali futhi bazijonge bekunye iincwadi.

Endaweni yokunika oomama babo amakhadi, cebisa ukuba abantwana balandele amanyathelo angezantsi ukuze bayile imiyalezo yohlobo olulodwa yoSuku lukaMama benzele oomama babo!

1. Sika-ze-ukhuphe iingxande ezintathu kwiphepha lesi-3 ngokusika ulandela imigcane engamachaphaza amnyama.
2. Songa uxande ngalunye ulandela umgca ozuba.
3. Wanamathelise kunye ngegulu omabini amacala.
4. Bhalela umama wakho umyalezo owahlukileyo kwicala elingenanto loxande ngalunye. Emva koko hombisa omabini amacala.
5. Fumana iindawo ezintathu ezahluka-hlukileyo kwikhaya lakho apho ubeka khona imiyalezo yakho ukuze umama wakho ayifumane! (Akukhathaliseki nokuba ukwenza oku emva koSuku lukaMama, umama wakho uya kukuvuyela ukufumana imiyalezo yakho!)

### Usuku lweeNtsapho lweHlabathi (ngowe-15 kuCanzibe) ngokunjalo uSuku lwabaBhali ababhalala ngobomi bomntu (ngowe-16 kuCanzibe)

Chaza ukuba ibali ngobomi bomntu okanye ibhayografi yincwadi ebhalwe ngumbhali othile ngobomi bomntu. Khuthaza abantwana ukuba ingulowo akhethe ilungu losapho lwakhe anokubhala ngobomi balo. Phambi kokuba baqalise ukubhala, cebisa ukuba benze uphando ngokuthetha nabantu abamaziyo lo mntu.

**WIN! WINA!**



For a chance to win some Book Dash books, write a review of the story, *Little Goat* (pages 7 to 10), and email it to [team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), or take a photo and tweet us at [@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Remember to include your full name, age and contact details.

Ukuze ufumane ithuba lokuwina iincwadi zakwaBook Dash, bhala uphengululo lwebali, elithi, *UBhokhwana* (kwiphepha lesi-7 ukuya kwele-10), uze ulithumele ngeimeyile ku-[team@bookdash.org](mailto:team@bookdash.org), okanye thatha ifoto uze uyithumele nge-tweet kuthi ku-[@bookdash](https://twitter.com/bookdash). Khumbula ukufaka igama lakho elipheleleyo, ubudala kunye neenkukacha zoqhagamshelwano.



Drive your imagination



**USUKU LUKAMAMA  
OLUMNANDII!**

**HAPPY  
MOTHER'S  
DAY!**

*Iyihla/Turn over →*



**USUKU LUKAMAMA  
OLUMNANDII!**

**HAPPY  
MOTHER'S  
DAY!**

*Iyihla/Turn over →*



**USUKU LUKAMAMA  
OLUMNANDII!**

**HAPPY  
MOTHER'S  
DAY!**

*Iyihla/Turn over →*





## Nal'ibali news

**Story Bosso is the annual multilingual storytelling talent search held by Nal'ibali. It provides aspiring storytellers with an opportunity to showcase their talent and it promotes storytelling in all official South African languages.**

The Story Bosso theme for 2018 was, South African Heroes. "Heroes show us how to live our lives. They give us hope and motivate us to overcome challenges. By remembering and telling the stories of our heroes, we aim to inspire greatness in South Africa's children," explained Jade Jacobsohn, Managing Director of The Nal'ibali Trust.

Storytelling is an important part of our heritage. It also plays a key role in children's literacy development by encouraging the use of their imagination, curiosity and empathy.


More than 50 Story Bosso storytelling events were held across the country during September 2018 to allow members of the public to practise and build their storytelling skills before entering the contest.

The winner, thirteen-year-old Praises Banda from Ga-Kibi, Dankie Village, in Limpopo, was selected from over two thousand entries. A further five provincial winners were also selected, namely: Thabiso Khoeli from Free State, Sibongile Mofokeng from Gauteng, Afika Cwecwe from Eastern Cape, Mandisa Madlala from KwaZulu-Natal and Mbalentle Mangete from Western Cape.

"We were blown away by Praises Banda who told her story so skilfully in her home language, Sepedi," said Jacobsohn. Told with both sadness and passion, Praises' story was about her personal hero, Kholofelo Sasebola, who put an end to the bullying she endured at school.

"You could hear the sadness in Praises' voice. You could tell the bullying was traumatic, but, at the same time, you could hear her passion for celebrating the deed of her hero. Her command of Sepedi is commendable. Though the story was told in simple sentences, Praises used the language playfully," commented Lorato Trok, one of the Story Bosso judges.

"We know that well-told stories can inspire children to explore stories in books too, and sharing stories with children helps to root the seeds of a reading culture in daily life. We are proud of all of our winners for showing us what good storytelling is," concluded Jacobsohn.



Praises Banda (right) telling her story again at the awards event.

UPraises Banda (ngasekunene) ebalisa ibali lakhe kwakhona kwitheko lamabhaso.

## Iindaba zakwaNal'ibali

**IStory Bosso luphando lwakwaNal'ibali lonyaka lokufumanisa izipho zokubalisa amabali ngeelwimi ezininzi. Inika abanqwenela ukuba ngababalisi bamabali ithuba lokubonisa ngezphiwo zabo ngokunjalo ikhuthaza ukubaliswa kwamabali ngazo zonke iilwimi zaseburhulumenteni baseMzantsi Afrika.**

Umxholo weStory Bosso ngowama-2018 ubusithi, Amaqhawe aseMzantsi Afrika. "Amaqhawwe asikhombisa indlela esifanele ukubuphila ngayo ubomi bethu. Asinika ithemba ngokunjalo asikhuthaze ukuba siyoyise imingeni esijongene nayo. Ngokukhumbula nangokubalisa amabali amaqhawwe ethu, sinenjongo yokuphambela ubungangamsha ebantwaneni baseMzantsi Afrika," uchazile uJade Jacobsohn, uMlawuli oPhethe iNal'ibali Trust.

Ukubaliswa kwamabali yinto ebalulekileyo yelifa lethu. Kukwadlala indima esentloko kuphuhliso lokufunda nokubhala kwabantwana ngokukhuthaza ukusetyenziswa kwengcingane yabo, ukulangazelela ulwazi kunye novakalelo ngabanye abantu.

Zingaphezu kwama-50 iinkqubo zeStory Bosso zokubaliswa kwamabali ebezisingathwe kulo lonke eli lizwe kweyoMsintsi ngo-2018 ukuze amalungu oluntu aziphelanise futhi akhe izakhono zawo zobuchule bokubalisa amabali phambi kokungenela ukhuphiswano.

Ogqwesileyo, uPraises Banda oneminyaka elishumi elinesithathu waseGa-Kibi, eDankie Village, eLimpopo, wakhethe kumangenelo angaphezu kwezigididi ezibini. Kuphinde kwakhethe abanye abagqwesileyo abahlanu bamaphondo, abangaba: uThabiso Khoeli waseFree State, uSibongile Mofokeng waseGauteng, uAfika Cwecwe waseMpuma Koloni, uMandisa Madlala waKwaZulu-Natal noMbalentle Mangete waseNtshona Koloni.

"Simangaliswe nguPraises Banda obalise ibali lakhe ngobuchule obukhulu ngolwimi lwasekhaya lwakhe, iSepedi," utshilo uJacobsohn. Elibalisa ngokuxuba usizi nobushushu bovakalelo, uPraises ubalise ibali lakhe elingeqhawwe lakhe, uKholofelo Sasebola, owaphelisa ukuxhatshazwa awayekunyamezele esikolweni.

"Ubukwazi ukuluvu usizi elizwini likaPraises. Ubukwazi ukufumanisa ukuba ukuxhatshazwa bumenzakalisile, kodwa, ngaxeshanye, ubuluva uthando lwakhe olushushu lokubhiyozela isenzo seqhawwe lakhe. Ubuchule athetha ngabo iSepedi buyancomeka. Nangona ibali libaliswe ngezivakalisi ezilula, uPraises ebekwazi ukusebenzisa ulwimi ngokudlala ngalo," utshilo uLorato Trok, omnye wabagwebi beStory Bosso.

"Siyazi ukuba amabali abaliswe kakuhle anakho ukuphambela abantwana ukuba bahlale amabali ezincwadini ngokunjalo, kanti ukubalisela abantwana amabali kunceda ngokumiliseka imbewu yeengcambu zenkubeko yokufunda ebomini bemihla ngemihla. Sineqhayiya ngabo bonke abagqwesileyo bethu ngokusibonisa ukuba kuyintoni ukubaliswa kwamabali ngokufanelekileyo," uqoshelise kanjalo uJacobsohn.




Praises Banda at her school in Limpopo.

UPraises Banda esikolweni sakhe eLimpopo.

### Create TWO cut-out-and-keep books

1. Take out pages 5 to 12 of this supplement.
2. The sheet with pages 5, 6, 11 and 12 on it makes up one book. The sheet with pages 7, 8, 9 and 10 on it makes up the other book.
3. Use each of the sheets to make a book. Follow the instructions below to make each book.
  - a) Fold the sheet in half along the black dotted line.
  - b) Fold it in half again along the green dotted line.
  - c) Cut along the red dotted lines.



### Zenzele iincwadana EZIMBINI onokuzisika-ze-uzigcine

1. Khupha iphepha lesi-5 ukuya kwele-12 kolu hlelo.
2. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12 lwenza incwadi yokuqala. Uxwebhu olunamaphepha aqala kwelesi-7, elesi-8, ele-9 nele-10 lwenza eyesibini incwadi.
3. Sebenzisa uxwebhu ngalunye kula mabini ukwenza incwadana. Landela imiyalelo engezantsi ukwenza incwadi nganye.
  - a) Songa uxwebhu phakathi kumgca wamachaphaza amnyama.
  - b) Phinda ulusonge phakathi kwakhona ulandela umgca wamachaphaza aluhlaza.
  - c) Sika ke ngoku ulandela imigca yamachaphaza abomvu.



Drive your  
imagination





“NYWHE! NYWHE! NYWHE!”


agalise ukuhlohla amaso...  
uThoko wawula ibhokisi yakhe yamaso, kodwa phambi kokuba  
woneka ilokhwe yomdaniso kaNichelle elucingweni. Okulandelayo,  
Ekugaleni, uThoko wahlamba iimpahla zakhe. Emva koko  
“Andicngi!” watsho uThoko, “Zininzi izinto ekufanele ndizenze.”  
“Ungathanda ukumfunqula?” wabuza uMama.  
UMama wafunqula ubhabha uBongi waze wajonga kuThoko.  
Ngoku wonwabile!  
“Nantso ke!” watsho uMama. “Impundu ezibhukuziweyo!”  
wamnika ilweyile elicoccekileyo.  
“Ndicela ilweyile elicoccekileyo,” watsho uMama. Waze uThoko  
uThoko wamnika umgubo wokubhukuzi.  
“Ndicela umgubo wokubhukuzi,” watsho uMama. Waze  
osule impundu zikabhabha uBongi zizokuhlala zicoccekile.  
ukuba agcwalise isitya sokuhlambela ngamanzi afudumeleyo ukuze  
wamkhulula ilweyile elimukayo walifaka eplastikini. Wacela uThoko  
UMama wabeka ubhabha uBongi phezu kwetawuli. Emva koko

“WHE! WHE! WHE!”  
box of beads, but before she could thread one ...  
Nichelle’s ballgown on the line. Next, she opened her  
First, Thoko did her washing. Then she pegged  
“No way,” said Thoko, “I’ve got lots to do.”  
“Would you like to hold him?” asked Mama.  
Mama picked up baby Bongi and looked at Thoko.  
he’s happy!”  
“There!” said Mama. “Powder bum! Now  
handed her a clean nappy.  
“Clean nappy, please,” asked Mama. And Thoko  
handed her the baby powder.  
“Powder, please,” asked Mama. And Thoko  
with warm water to wipe baby Bongi’s bottom clean.  
plastic carrier bag. She sent Thoko off to fill a bowl  
she removed his smelly nappy and dropped it into a  
Mama laid baby Bongi down on a towel. Then



## Thoko, the babysitter

### UThoko, umgcini wabantwana



Niki Daly



We publish what we like

This story written by Niki Daly is from *Sharp-Sharp! Thoko*, published by Jacana Media and available in bookstores and online from [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). *Sharp-Sharp! Thoko* is available in English, Afrikaans, isiXhosa and isiZulu. Jacana publishes books for young readers in all eleven official South African languages. To find out more about Jacana titles go to [www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

Eli bali libhalwe nguNiki Daly livela ku*Sharp-Sharp! Thoko* opapashwe yiJacana Media nofumaneka ezivenkileni zeencwadi nakwi-intanethi ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za). U*Sharp-Sharp! Thoko* ufumaneka ngesiNgesi, isiAfrikansi, isiXhosa nangesiZulu. IJacana ipapasha iincwadi zabafundi abaselula ngazo zonke iilwimi ezivunyiweyo ezilishumi elinanye zaseMzantsi Afrika. Ukuze ufumane iinkcukacha ezigcweleyo ngeetayitile zeJacana yiya ku-[www.jacana.co.za](http://www.jacana.co.za).

© Jacana Media (World rights) Tel: 011 628 3200

Nal’ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal’ibali liphulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your imagination



“Mina ndiza kwenza umsebenzi wasekhaya ze emva koko sonke siye eMall, emva kokuba uXoliswa elande ubhabha uBongi,” watsho uMama. Kanye ngelo xesha, bonke baye bayeka yonke into ababeyenza kuba . . . “NYWHE! NYWHE! NYWHE!” wakhala ubhabha uBongi. “Mandiyi kumjonga,” watsho uMama. “Umanzi, ufuna ukutshintsha,” watsho uMama, ebuya nobhabha uBongi. “Phu!” watsho uThoko. “Yiza uzokundincedisa, Thoko,” watsho uMama. “Andicengi!” watsho uThoko ebambe impumlo yakhe. “Yiya,” watsho uMakhulu. “Ngenye imini uza kuba nowakho umntwana kwaye uza kukwazi ukutshintsha ilweyile.” UThoko walandela uMama nobhabha onukayo ukuya egumbini lokuhlala.



Mama said, “Thoko, will you please help me! Baby Bongi needs a song.” So, Gogo switched off the TV. And Mama showed Thoko how to hold baby Bongi safely on her lap. “Let’s sing *Lala bhabha* to him,” said Gogo. “*Lala bhabha lala! Go to sleep baby boy!*” After a while, Mama took sleepy baby Bongi from Thoko and settled him back in his buggy. Gogo went on watching TV. And Thoko went to check if Michelle’s dress was drying on the line. It was dry, so she dressed Michelle. “*WHE! WHE! WHE!*” This time baby Bongi was hungry. So, Mama fed him and sat him on the floor between puffy pillows. “Thoko,” asked Mama, “will you please play with baby Bongi? I have so many things still to do.”



It was a Saturday morning when baby Bongi arrived. “Aunty Xoliswa has to be at the morning market to sell her necklaces, so I’ve offered to babysit,” Mama explained to Thoko. “Thoko can help,” said Gogo. “Why can’t Aunty Xoliswa take her baby with her?” asked Thoko, who had plans of her own. “Because if he cries, I can’t see to my customers,” explained Aunty Xoliswa. “It will be fun to have a baby in the house,” said Mama. “But babies cry all the time,” said Thoko. “Oh, I remember when *you* were a baby,” said Gogo. “It was *whe, whe, whe* all the time!” And the minute Aunty Xoliswa left, that’s exactly what baby Bongi did. “*WHE! WHE! WHE!*”

Kuthe ngelixa uMakazi uXoliswa efika, wabe uThoko edinwe kakhulu kukudlala nobhabha uBongi. “Nasi isipho ‘sokukubulela’ ngokuba ngumgcini mntwana othandekayo,” watsho uMakazi uXoliswa ngelixa eqhoboshela amaso akhe amahle entanyeni kaThoko. “Enkosi,” watsho uThoko, ezamla KAKHULU. UMama wajonga kuMakhulu waze wathi, “Owu bantu, uThoko udinwe kakhulu ukuba angahamba nathi ukuyokuthenga namhlanje.” Ewe! Amehlo kaThoko aqalisa ukuvaleka. UMakhulu wagigitheka. “Tyhini! Kukhangeleka ngathi umgcini mntwana ubuqu udinga ukugcinwa yena kuqala,” wahlekisa watsho uMakhulu. Ngoko, uMakhulu washiyeka ekhaya . . . Ngelixa uThoko . . . elele . . . obentlombe.







She looked in the mealie patch, but Little Goat was not there.

Wamkhangela kwindawana eyayityalwe umbona, kodwa uBhokhwana wayengabonakali ndawo.



She had walked far from Mother Goat. Mother Goat wondered where Little Goat had gone.

Wayemshiye kude uMama uBhokhwe. UMama uBhokhwe wazibuza ukuba uyephi uBhokhwana.



Little Goat found the sweetest grass. She ate and ate.

UBhokhwana wade wayifumana eyona ngca inencasa. Watya, watya akayeka.

# Little Goat UBhokhwana

Nicola Anne Smith  
Tiffany Mac Sherry  
Mirna Lawrence



Lots more free books at [bookdash.org](http://bookdash.org)

Nal'ibali is a national reading-for-enjoyment campaign to spark and embed a culture of reading across South Africa. For more information, visit [www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) or [www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



UNal'ibali liqhulo likazwelonke lokufundela ukuzonwabisa elinjongo yalo ikukuvuselela nokwendeliselisa inkcubeko nesithethe sokufunda kuMzantsi Afrika uphela. Ukuze ufumane iinkcukacha ezithe vetshe, ndwendwela ku-[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org) okanye ku-[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)



Drive your  
imagination






Wathi esahamba njalo, wasuka  
uBhokhwana wamshiya emva kakhulu  
uMama uBhokhwe.



Mother Goat ran to the river. But Little  
Goat was not there. “Where are you,  
Little Goat?” bleated Mother Goat.



Little Goat went to find the sweetest grass.  
The sky was blue above. But she did not  
look up.


UBhokhwana waya kufuna eyona  
ngca inencasa. Phezulu isibhakabhaka  
sasizuba. Kodwa zange ajonge phezulu.



“Bendingalahlekanga ... bendilapha ngalo  
lonke ixesha!” watsho uBhokhwana.

UMama uBhokhwe wabaleka waya emlanjeni.  
Kodwa uBhokhwana wayengabonakali  
ndawo. “Uphi, Bhokhwana?” wanxakama  
uMama uBhokhwe.







As she walked along, Little Goat moved further and further away from Mother Goat.

The river gurgled below. But Little Goat did not listen to its song.

Ezantsi umlambo wawurhotyoza.  
Kodwa uBhokhwana zange ayimamele ingoma yawo.




Intaka yakhwaza uMama uBhokhwe, uBhokhwana ulele ngaphaya kwebhulorho engceni enencasa.



A bird called to Mother Goat, "Little Goat is asleep in the sweet grass across the bridge."

"Wake up, Little Goat," said Mother Goat gently. "You were lost!"



"Vuka Bhokhwana," watsho ezolile uMama uBhokhwe. "Ubulahlekile!"





She just walked along looking for the  
sweetest grass.

Wasuka waqhuba ngokuhamba ekhangela  
eyona ngca inencasa.



Mother Goat crossed the bridge to the  
sweet grass.

UMama uBhokhwe wanjumla  
ibhulorho waya engceni enencasa.



A bird called to her, saying, “How do you  
do?” But Little Goat didn’t answer.

Intaka yamkhwaza, isithi, “Unjani?” Kodwa  
uBhokhwana zange ayiphendule.

There she found Little Goat fast asleep.

Wamfumana apho uBhokhwana elele yoyi.







UMama wathi, “Thoko, ndicela undincede apha! Ubhabha uBongi ufuna ukuculelwa.” Ngoko, uMakhulu wacima umabonakude. UMama wabonisa uThoko indlela yokufunqula kakuhle ubhabha uBongi. “Masimculele uLala bhhabha,” watsho uMakhulu. Lala bhhabha lala! Lala nkwenkwe!” Emva kwethutyana, uMama wathatha ubhabha Bongi owayesozela kuThoko waze wambeka esitulweni sakhe. UMakhulu waqhubekeka nokubukela iTV. UThoko yena wayokujonga ukuba ilokhwe kaNichelle ayomanga na elucingweni. Yayomile, waze wanxibisa uNichelle. “NYWHE! NYWHE! NYWHE!” Kwell ityeli, ubhabha uBongi wayelambile. Ngoko, uMama wamhlalisa phakathi kwemigamelelo entofontofo wamtyisa. “Thoko,” watsho uMama, “unganceda udiale nobhabha uBongi? Ndinzezinto ezininzi ekufanele ndizenze.”



By the time Aunt Xoliswa returned, Thoko was very, very tired from playing with baby Bongi. “Here’s a ‘thank you’ present for being such a sweet babysitter,” said Aunt Xoliswa as she tied one of her beautiful beaded necklaces around Thoko’s neck. “Thank you,” said Thoko, with a BIG yawn. Mama looked at Gogo and said, “Oh dear, Thoko is too tired to come shopping with us today.” Yebo! Thoko’s eyes had started to close. Gogo giggled. “Eish! It looks as though the babysitter needs a babysitter,” joked Gogo. So Gogo stayed at home ... While Thoko slept ... and slept ... and slept.

“I’m going to do some housework and then we can all go to the shopping mall when Xoliswa picks up baby Bongi,” said Mama. But just then, they stopped doing what they were all doing because ... “WHE! WHE! WHE!” went baby Bongi. “I’ll go see to him,” said Mama. “He needs his nappy changed,” said Mama, coming back with baby Bongi. “Poo!” said Thoko. “Come and help me, Thoko,” said Mama. “No way!” said Thoko holding her nose. “Go on,” said Gogo. “One day, you’ll have your own baby and then you’ll know how to change a nappy.” Thoko followed Mama and the smelly baby into the lounge.



Kwakungentsasa yangoMgqibelo ngelixa usana olunguBongi lufika. “UMakazi uXoliswa kufuneka aye emarikeni kusasa ayokuthengisa izacholo zakhe, ngoko ndithe ndiza kumgcinela umntwana wakhe,” uMama wachazela uThoko. “UThoko angakuncedisa,” watsho uMakhulu. “Kutheni uMakazi uXoliswa engahambi nosana lwakhe?” wabuza uThoko, owayesele enezicwangciso ezizezakhe. “Kungokuba ukuba luyakhala, andizukukwazi ukuhoya abathengi bam,” wachaza uMakazi uXoliswa. “Kuza kuba mnandi ukuba nobhabha endlwini,” watsho uMama. “Kodwa abantwana abancinci balila ngalo lonke ixesha,” watsho uThoko. “Owu, ndiyakhumbula ukuba ngelixa wena wawulusana,” watsho uMakhulu. “Yayingu nyhwe, nyhwe, nyhwe, ngalo lonke ixesha!” Kanye emva kokuba uMakazi uXoliswa ehambile, lwakhala usana olunguBongi. “NYHWE! NYHWE! NYHWE!”







“Nceda Thoko, ushukumise isitulo somntwana  
sizokumbamazela. Obhabha bayakuthanda  
ukumbanjazelwa,” watsho uMakulu. Ngoko, uThoko  
wambamazela usana ngesitulo salo.  
“Ungasishukumisi kakulu...,” watsho uMakulu,  
“... sishukumise ngobunono.” UThoko wambamazela  
ngononophelo, waze ubhabha uBongi wayeka ukukhala.  
“Nantso ke,” wasebeza uMakulu. “Uyalala.”  
“Isidlo sakusasa silungile,” wakhwaza uMama.  
UThoko noMakulu bachwechwa ukulandela ivumba  
elimnandi lamaganda anebhekhoi besiya ekhishini.  
“Ngoko, zithini izicwangciso zakho zale ntasa?” uMama  
wabuza uThoko.  
“Ndiza kuhlamba ilokhwe yomdamiso  
kaNichelle,” watsho uThoko.  
Wacinga kwakhona, “ze  
ndenze isacholo samaso  
kunye... ne...”  
“Kutheni ingathi niza  
kuba nentsasa exakekileyo  
nje nina nobabini,”  
watsho uMakulu.  
“Mna, ndiza kuxhoma  
iinyawo zam ndibone  
ukuba kudlala ntoni  
na kumabonakude.”



“Thoko, please rock the baby buggy. Babies like  
being rocked,” said Gogo. So, Thoko rocked the  
baby buggy.

“Not so hard...” said Gogo, “... gently.” Thoko did  
it gently, and baby Bongi stopped crying.

“There,” whispered Gogo. “He’s falling asleep.”

“Breakfast is ready,” called Mama.

On tippy-toes, Thoko and Gogo followed the  
yummy smell of eggs and bacon into the kitchen.

“So, what are your plans for this morning?” Mama  
asked Thoko.

“I’m going to wash Nichelle’s ballgown,” said  
Thoko. Then she thought some more, “And thread  
beads... and... and...”

“What busy mornings you are both going to have,”  
said Gogo. “I’m going to put my feet up and see what’s  
on TV.”



And whenever he  
went, “WHE! WHE!  
WHE!”, Thoko did  
something to make  
him blow bubbles  
and giggle.



She sang all her school songs for  
baby Bongi. She tickled baby Bongi.  
She even let baby Bongi put  
Nichelle into his gobby mouth.



Well, Thoko also had  
lots of things to do, but  
she also liked to help  
Mama, so ...  
She clapped hands  
with baby Bongi. She  
pulled funny faces for  
baby Bongi.



Kodwa, uThoko wayenezinto  
ezininzi ekwakufanele azenze,  
nangona wayekuthanda  
nokuncedisa uMama, ngoko ...  
Wamane enyonyozela okanye  
encumela ubhabha uBongi.



Waculela uBongi iingoma  
zakhe zasesikolweni. Wamane  
enyumbaza ubhabha uBongi.  
Waqhwaba izandla kunye  
nobhabha uBongi.



Wamyeka ubhabha uBongi  
ukuba afake uNichelle emlonyeni  
wakhe otya yonke into le.

Kwaye kwathi xa kanye eqalisa ukuthi, “NYWHE!  
NYWHE! NYWHE!” uThoko wenza into eyamenza  
ukuba avuthele amaqampu kwaye ahleke.



Get story active!



Yenza ibali linike umdla!

Here are some activities for you to try. They are based on all the stories in this edition of the Nal'ibali Supplement: *Thoko, the babysitter* (pages 5, 6, 11 and 12), *Little Goat* (pages 7 to 10) and *The tale of Oxpecker and Buffalo* (page 14).

Nantsi eminye imisetyenzana onokuyizama. Isekwe kuwo onke amabali olu papasho loHlelo lukaNal' ibali: *UThoko, umgcini wabantwana* (iphepha lesi-5, elesi-6, ele-11 nele-12), *UBhokhwana* (iphepha lesi-7 ukuya kwele-10) nelithi *Ibali likaSingolankomo noNyathi* (iphepha le-15).

Thoko, the babysitter

Be a word detective and find these words in the story.

- 1. The sound that a baby makes. \_\_\_\_\_
- 2. The name of a song. \_\_\_\_\_
- 3. A day of the week. \_\_\_\_\_
- 4. A time of day. \_\_\_\_\_
- 5. Something we do with our bodies. \_\_\_\_\_
- 6. The name of something you wear around your neck. \_\_\_\_\_
- 7. A word that describes something that smells or tastes nice. \_\_\_\_\_
- 8. The name of something you carry things in. \_\_\_\_\_
- 9. The name of something you push a baby in. \_\_\_\_\_
- 10. A word that rhymes with "nappy". \_\_\_\_\_
- 11. A word ending with the letters -ful. \_\_\_\_\_
- 12. Something you do with beads. \_\_\_\_\_
- 13. The name of a place with lots of shops. \_\_\_\_\_
- 14. The opposite of "dirty". \_\_\_\_\_
- 15. The name of Thoko's doll. \_\_\_\_\_



UThoko, umgcini wabantwana

Yiba ngumcuphi wamagama ukuze ufumane la magama ebalini.

- 1. Isandi esenziwa ngumntwana. \_\_\_\_\_
- 2. Igama lengoma. \_\_\_\_\_
- 3. Usuku lweveki. \_\_\_\_\_
- 4. Ixesha losuku. \_\_\_\_\_
- 5. Into esiyenza ngemizimba yethu. \_\_\_\_\_
- 6. Igama lento oyinxiba entanyeni yakho. \_\_\_\_\_
- 7. Igama elichaza into enuka okanye enambitheka kamnandi. \_\_\_\_\_
- 8. Igama lento ofaka izinto kuyo. \_\_\_\_\_
- 9. Igama lento ofaka usana kuyo uze uyiqhube. \_\_\_\_\_
- 10. Igama elinemvanosiphelo efana neyelithi "ilweyile". \_\_\_\_\_
- 11. Igama eliphela ngoonobumba abathi -whe. \_\_\_\_\_
- 12. Izinto ozenza ngamaso. \_\_\_\_\_
- 13. Igama lendawo eneevenkile ezininzi. \_\_\_\_\_
- 14. Isichasi segama elithi "elingcolileyo". \_\_\_\_\_
- 15. Igama likanopopi kaThoko. \_\_\_\_\_



The tale of Oxpecker and Buffalo

Do you have any suggestions for what Oxpecker and Buffalo could do to get along better? Write a letter to them in which you share these ideas. (Do this with a group of friends or on your own!)



Ibali likaSingolankomo noNyathi

Ingaba ninazo na iingcebiso ngokunokwenziwa nguSingolankomo noNyathi ukuze bavane ngendlela ebhetele? Babhalele ileta wabelane nabo ngezi mbono. (Kwenze oku neqela labahlobo okanye uzenzele ngokwakho!)

Little Goat

- ♥ Discuss with your children what it means to be lost by asking, "Do you think Little Goat was lost? Why/why not?"
- ♥ Invite your children to draw a picture that shows what it feels like to be lost.
- ♥ Challenge older children to retell the story using human characters in place of Mother Goat and Little Goat.



UBhokhwana

- ♥ Xoxa nabantwana bakho ngentsingiselo yokulahleka ngokubabuza kanje, "Nicinga ukuba uBhokhwana wayelahlekile? Kutheni/kutheni kungenjalo?"
- ♥ Mema abantwana bakho ukuba bazobe umfanekiso obonisa ukuba kunjani ukulahleka.
- ♥ Cela umngeni ebantwaneni abadadlana ukuba babalise ibali kwakhona ngokusebenzisa abalinganiswa abangabantu endaweni kaMama uBhokhwe noBhokhwana.





# The tale of Oxpecker and Buffalo

By Kai Tuomi ■ Illustrations by Samantha van Riet



In the old days, Oxpecker had a bright yellow bill. He lived in a little hut in a patch of long grass. Each day he would sweep his hut before setting off into the grass to catch his favourite food. At night he would climb into his nest-bed, his belly full of green grasshoppers, flies and wriggly worms.

If anyone came into the patch of long grass, Oxpecker would fly up and shout at them. He would peck them and make a fuss until they went away. He liked to live alone, and he didn't want to share with anyone.

One day, while Oxpecker was out searching for insects, he heard a low rumble, like the sound of thunder rolling in the hills, and something blocked out the sun.

"What now?" shrieked Oxpecker, flying up out of the long grass to get a better view.

A big, black animal with heavy horns was walking through the long grass.



"Hello," said Buffalo. "I haven't eaten anything in weeks. This long grass is exactly what I need. May I have some?"

"No! Go away!" shouted Oxpecker.

"Well, I'll die if I don't eat something. There hasn't been any rain for months. This is the only patch of long grass around here. Won't you let me eat some of it, please?"

"Didn't you hear me? Go away!" said Oxpecker flying around Buffalo's head.

"But you don't even eat grass," Buffalo said. And then he tried again, "We could share the grass."

"I don't share! This is mine! Mine! Mine! Now go away!" shouted Oxpecker.

Buffalo's forehead wrinkled and his eyes narrowed to slits. He got so angry that his tail swished back and forth, making a loud clapping sound as it struck the sides of his rump. "Well, if you are going to be rude, I'm going to eat it anyway. I eat grass, that is what I do, and I am hungry, so here I GO, you rude bird," said Buffalo about to chomp on some grass.

"You wouldn't dare!" shrieked Oxpecker.

"How are you going to stop me? Look at how big I am. And because you're being so rude, I've decided that I'm going to eat and eat and eat until I'm full." And with a loud *MUNCH! CRUNCH!* Buffalo started to eat.

This made Oxpecker so angry that the end of his beak turned bright red. Oxpecker flew around Buffalo's head shouting and shrieking and whooping, but Buffalo just kept on eating. Soon all the long grass was gone. To make matters worse, Buffalo put his big hoof right through the roof of Oxpecker's hut.

Oxpecker flew up onto Buffalo's back and started pecking away at his skin.

"That's not going to work," said Buffalo. "My skin is very thick. Even Lion has tried to bite me with his sharp teeth and I got away. You are too small, Oxpecker. And you deserved what you got. I was willing to share."

"Well, that's it then," said Oxpecker growing suddenly quiet. "I was only angry and rude because that was my home. Now I have no home and no food – all those delicious green grasshoppers, flies and wriggly worms that lived in the long grass are gone! Everything's gone."

Buffalo looked back at Oxpecker, who was crying, and then to the bare patch of earth and the broken hut. "I'm sorry I destroyed your home," he said, "but maybe I can make it up to you. I have a problem with insects, you see. I mean, just take a look at my back. There are always far too many insects hanging on and crawling all over me. You could eat them, and it would be really nice to have someone finally get rid of them for me."

Oxpecker looked up and down Buffalo's body and noticed all the little insects clinging to Buffalo's skin. The bird's tummy rumbled, but the thought of doing Buffalo a favour after everything he had done, made Oxpecker angrier and angrier. His yellow bill grew redder and redder.

"First you ate all my lovely grass!" shouted Oxpecker. "Then you wrecked my house. You actually put your big hoof right through the roof! Now you want me to eat all these insects as a favour!" He walked up and down Buffalo's back, pecking at the insects as he talked. "You really are the worst, Buffalo! As if I would help you," he said with his little mouth full of insects.



Buffalo simply shrugged and walked off with Oxpecker riding on his back, shouting and eating insects. And they are still doing that to this day, but Oxpecker never forgave Buffalo, and his yellow beak stayed red forever.



Drive your  
imagination





# Ibali likaSingolankomo noNyathi

Libali likaKai Tuomi Imifanekiso izotywe nguSamantha van Riet

Indawo  
yamabali

Mandulo, uSingolankomo wayenomlomo otyheli obengezelayo. Wayehlala kungquphantsi omncinane kwithafa elinengca ende. Yonke imihla ebetshayela ungquphantsi wakhe phambi kokuya engceni ukuya kuzingela okona kutya akuthandayo. Ebusuku ebeqabela kumandlalo wendlwane yakhe, isisu sizele mpu ziintethe eziluhlaza, iimpukane nemibungu ejubalazayo.

Ukuba kukho umntu ofika kweli thafa linengca ende, uSingolankomo ebehabhela phezulu angxole futhi amngxolise. Ebemngqala abonise ukungonwabi ade ahambe loo mntu. Ebethanda ukuhlala yedwa, futhi engafuni kwabelana namntu nganto.

Ngenye imini, xa uSingolankomo wayesazingela iintethe, weva ukundila okwakutsholo phantsi, kwakuvakala ngathi sisandi seendudumo ezindulini, njengento eyayithintela ukuqaqamba kwelanga.

"Yintoni leyo?" watswininiza uSingolankomo, ebhabhela phezulu ephuma kuloo ngca inde ukuze abone kakuhle.

Isilwanyana esikhulu, esimnyama esineempondo ezinkulu sasihamba kuloo ngca.



"Molo," watsho uNyathi. "Andikhangeni nditye nto kwiiveki ezimbalwa. Le ngca inde yeyona nto ndiyidinga ngenene. Ndingakhe ndifumane kuyo?"

"Hayi! Suka apha!" wangxola uSingolankomo.

"Kaloku, ndiza kuba andityi nto. Seziliqela iinyanga kungekho mvula. Eli thafa linengca ende lilo kuphela elikhoyo apha. Akunakundivumela ndikhe nditye, torho?"

"Akuvanga ukuba nditheni? Hamba apha!" watsho uSingolankomo ebhabha ejikeleza intloko kaNyathi.

"Kodwa wena akuyityi ingca," watsho uNyathi. Waphinda wazama kwakhona, "Singabelana ngengca."

"Andabelani namntu! Yeyam yonke le! Yeyam! Yeyam! Khawusuke apha ngoku!" wangxola uSingolankomo.

Ibunzi likaNyathi lafingana amehlo akhe acutheka angathi yimisikeko. Wayenomsindo kangangokuba wayeswahlaza umsila wakhe emva naphambili, usenza isandi esingxolayo ngokungathi kukugqwaba xa ethwaxa ngawo emacaleni eempundu zakhe. "Hayi ke, xa uza kuba krwada, ndiza kusuka ndizithathele. Nditya ingca, yinto endiyenzayo leyo, kwaye ndilambile, ngoku ke, NDEZA NJALO, ntakandini ekrwada," watsho uNyathi xa eza kunqophula ingca.

"Akunakuyenza loo nto!" wantswininiza uSingolankomo.

"Uza kundinganda njani? Uyabona ukuba ndimkhulu kangakanani. Phofu nangenxa yobu bukrwada bakho, ndenze isigqibo sokuba ndizakutya nditye ndide ndihluthe." Ngokungxolayo kona UKUMAMFUZA! UKUKRWAMZA! uNyathi waqalisa ukutya.

Oku kwamenza wanomsindo uSingolankomo kangangokuba incam yomlomo wakhe yayika yabengezela ukuba bomvu. USingolankomo wayebhabha ejikeleza intloko kaNyathi engxola aphinde antswininize ebhomboloza, kodwa uNyathi waqhubeka watya. Ngephanyazo yonke ingca ende yayiphelile. Kangangendlela awayedelela ngayo, uNyathi wagqobhoza uphahla lukangquphantsi kaSingolankomo ngophuphu lwakhe.

USingolankomo wabhabhela phezu komqolo kaNyathi waza waqalisa ukunqola isikhumba sakhe.

"Ayizi kunceda nganto loo nto," watsho uNyathi. "Isikhumba sam somelele kakhulu. Nkqu noNkonyama ukhe wazama ukundiluma ngamazinyo akhe abukhali kodwa ndaphuncuka. Wena Singolankomo umncinane kakhulu. Uvune into oyilimileyo. Mna bendizimisele ukwabelana nawe."

"Sekunjalo ke," watsho uSingolankomo asuka aphel' emqaleni amazwi. "Bendinomsindo ndagqibela ngokuba krwada kuphela kuba lowa ubungumzi wam. Ngoku andinakhaya futhi andinakutya – azisekho zonke ezaa ntethe ziluhlaza zinencasa, iimpukane nemibungu ejubalazayo ebezihlala engceni ende! Konke akusekho."

UNyathi wajonga emva kuSingolankomo, owayelila, waphinda wajonga ethafeni lomhlaba elingenanto nasendlwini eseyilibhodlo. "Ndicela uxolo ngokutshabalalisa ikhaya lakho," watsho, "kodwa mhlawumbi ndingakunika icebo. Ndinengxaki yezinambuzane, uyabona. Jonga nje emqolo wam. Kusoloko kukho izinambuzane ezininzi eziyinga nezinyakazela phezu kwawo wonke umzimba wam. Ungatya zona, kwaye kungakuhle kum xa ekugqibeleni ndinokuba nomntu ondisusela zona."

USingolankomo wawanyusa ewathoba amehlo akhe emzimbeni kaNyathi wazibona zonke izinambuzane ezazinamathele esikhumbeni sikaNyathi. Aqala axuxuzela amathumbu entaka, kodwa ingcinga yokwenzela uNyathi ububele emva kwawo wonke umonakalo awenzileyo, yamcaphukisa ngakumbi nangakumbi uSingolankomo. Umlomo wakhe waya uba bomvu ngokuba bomvu.

"Okokuqala uyitye yonke ingca yam ebintle!" wangxola uSingolankomo. "Emva koko ubhodloze indlu yam. Uyigqobhoze uphahla lwayo ngophuphu lwakho olukhulu! Ngoku ufuna ukuba ndikuncede nditye zonke ezi zinambuzane!" Wahamba-hamba emqolo weNyathi enyuka esihla, enqola-nqola izinambuzane naxa wayengayeki ukuthetha. "Akukho yakho kodwa, Nyathi! Ucinga ukuba ungancedwa ndim kakade," watsho ngomlomo omncinane ozele zizinambuzane.



UNyathi wasuka wadlikidla amagxa akhe wahamba noSingolankomo ekhwele emqolo kuye, engxola kodwa eqhuba ngokutya izinambuzane. Kude kube namhla basenza njalo, kodwa uSingolankomo zange amxolele uNyathi, kwaye umlomo wakhe owawutyheli sowaba bomvu unaphakade.





# Nal'ibali fun

## Okokuzonwabisa kwakwaNal'ibali



1.



### Tell a story!

- ☐ Look at this picture. What do you think Priya and her mom are doing? Where do you think Priya's little brother, Rahul, has come from? Why is he running? What do think is going to happen next?
- ☐ Use the picture to help you tell your own story about Priya, Rahul and their mom. This picture could be where your story starts or where it ends!
- ☐ Share your story with a family member or a friend.

### Balisa ibali!

- ☐ Jonga kulo mfanekiso. Ucinga ukuba uPriya nomama wakhe benza ntoni? Ucinga ukuba umntakwabo Priya, omncinane, uRahul uvela phi? Ubaleka ntoni? Ucinga ukuba yintoni elandelayo eza kwenzeka?
- ☐ Sebenzisa umfanekiso oza kukuncedisa ekubaliseni ibali elilelakho ngoPriya, uRahul nomama wabo. Lo mfanekiso unokuba sekuqaleni kwebali okanye ekupheleni kwalo!
- ☐ Balisela ilungu losapho okanye umhlobo ibali lakho.

2.

### Give a clue. Take a guess!

Here is a game that celebrates Get-Caught-Reading Month to play with a partner.

- Q On the lines below write a list of the ten craziest places where you would like to read. Don't let your partner see what you are writing.
- Q Now give your partner a clue for each place on your list that helps him or her to guess the place you wrote down.
- Q How many places did your partner guess correctly? Was that because you gave such good clues, or because your partner made good guesses – or a bit of both?

---



---



---



---



---



### Nika umkhondo. Qashisela!

Nangu umdlalo wokubhiyozela iNyanga yokuBhaqwa-uFunda onokudlalwa nomlingane.

- Q Emigceni engezantsi bhala uludwe lwezona ndawo zingaqhelekanga ezilishumi apho unokunqwenela ukufunda khona. Ungambonisi umlingane wakho ukuba ubhala ntoni.
- Q Ngoku nika umlingane wakho isikhokelo sendawo nganye ekuludwe lwakho esiza kumncedisa ukuba aqashisele indawo oyibhalileyo.
- Q Zingaphi iindawo aziqashisele ngokuchanekileyo umlingane wakho? Ingaba oko kwenziwe kukuba unikele ngezikhokelo eziluncedo, okanye kungokuba umlingane wakho ebeyincutshe yokuqashisela – okanye kungenxa kacuntsu wezizathu zozibini?




---



---



---



---



---

3.

### Where do you think these people were caught reading?



### Ucinga ukuba aba bantu babhaqwe befunda phi?

Nal'ibali is here to motivate and support you. **Contact us** by calling our call centre on **02 11 80 40 80**, or in any of these ways: AbakwaNal'ibali bakhona ukuze bakunike inkuthazo nenkxaso. **Nxibelelana nathi** ngokufonela iziko lethu leminxeba ku-**02 11 80 40 80**, okanye nangayiphi na enye kwezi ndlela zilandelayo:

[www.nalibali.org](http://www.nalibali.org)
[www.nalibali.mobi](http://www.nalibali.mobi)
[nalibaliSA](https://www.facebook.com/nalibaliSA)
[@nalibaliSA](https://www.instagram.com/nalibaliSA)
[info@nalibali.org](mailto:info@nalibali.org)

Produced by The Nal'ibali Trust and Tiso Blackstar Education. Translation by Kholisa Podile. Nal'ibali character illustrations by Rico.

Daily Dispatch

The Herald

Sunday Times

**S**owetan  
IN THE KNOW ON THE MOVE.



Drive your  
imagination

